CITY OF CAPE TOWN
ISIXEKO SASEKAPA
STAD KAAPSTAD

# IMIGAQO YOKUQHUTYWA KWEENTLANGANISO ELAWULA INDLELA YOKUZIPHATHA KWIINTLANGANISO EZIBANJWA KUSETYENZISWA IZIXHOBO ZETEKNOLOJI ZEBHUNGA LIKAMASIPALA LESIXEKO SASEKAPA

QAPHELA: LE MIGAQO YONGEZELELWA KWESELE IKHONA IMIGAQO YOKUQHUTYWA KWEENTLANGANISO ZEBHUNGA

Latest version as approved by
Special Council on 30 Juni 2020

Senza inkqubela yenzeke. Sisonke.

## ISALATHISO SOKU:

**IMIGAQO YOKUQHUTYWA KWEENTLANGANISO ELAWULA INDLELA YOKUZIPHATHA KWINTLANGANISO EBANJWA KUSETYENZISWA IZIXHOBO ZETEKNOLOJI YEBHUNGA LIKAMASIPALA LIKAMASIPALA LESIXEKO SASEKAPA**


| UMGAQO | | INOMB. YEPHEPHA |
|---|---|---|
| | | |
| 1 | IINKCAZELO | |
| 2 | UKUSETYENZISWA KWEMIGAQO | |
| 3 | INGCACISO | |
| 4 | ISAZISO NENDAWO EZA KUBANJELWA KUYO INTLANGANISO | |
| 5 | ISAZISO-GABALALA SENTLANGANISO EBANJWA KUSETYENZISWA IZIXHOBO ZETEKNOLOJI | |
| 6 | IKHORAM | |
| 7 | IZIGQIBO NOKUVOTA | |
| 8 | ULAWULO LWEENGXOXO | |
| 9 | IZILUNGISO KWIZINDULULO EZIPHAKANYISWE KWINTLANGANISO | |
| 10 | UKUSUSWA OKANYE UKUNGABANDAKANYWA KOOCEBA | |
| 11 | ULUNGISELELO LOKUBANDAKANYWA KOLUNTU NAMAJELO EENDABA | |
| 12 | AMALUNGELO NOKHUSELEKO | |

**IMIGAQO YOKUQHUTYWA KWEENTLANGANISO ELAWULA INDLELA YOKUZIPHATHA KWIINTLANGANISO ZEBHUNGA LIKAMASIPALA LESIXEKO SASEKAPA**

## 1. IINKCAZELO

Kule migaqo –

'*Imigaqo yokuQhutywa kweeNtlanganiso'* ithetha iMigaqo yokuQhutywa kweeNtlanganiso *elawula iNdlela yokuZiphatha kwiiNtlanganiso zeBhunga likaMasipala leSixeko saseKapa eyamkelwa liBhunga ngowe-5 kweyoMnga (Disemba) 2019.*

*'Le migaqo'* ithetha iMigaqo *yeeNtlanganiso ezibanjwa kuSetyenziswa iZixhobo zeTeknoloji* ezamkelwe liBhunga zendlela yokuziphatha kwiintlanganiso ezibanjwa kuSetyenziswa iZixhobo zeTeknoloji.

*'Iintlanganiso ezibanjwa kuSetyenziswa iZixhobo zeTeknoloji'* zithetha iintlanganiso zeBhunga ezibanjwa kusetyenziswa naluphi na uhlobo lweteknoloji oluxhaswa licandelo le-IS&T leSixeko abakwaziyo ukulusebenzisa ooCeba.

## 2. UKUSEBENZA KWEMIGAQO

2.1 IMigaqo *yokuQhutywa kweeNtlanganiso* isasebenza iya kongezwa kule migaqo ukulungiselela iintlanganiso zeBhunga ezibanjwa kuSetyenziswa iZixhobo zeTeknoloji.

2.2 Le Migaqo iya kusebenza nakwiiKomiti zeCandelo 79 no-80 ze ibandakanywe kweminye iMigaqo yokuQhutywa kweeNtlanganiso.

## 3. INGCACISO

3.1 Xa kuthethwa ngeMigaqo yentlanganiso yeeKomiti zeBhunga akuphelelwanga kuphela kwintlanganiso ekukho kuyo amalungu ehlangene kwindawo enye, yaye xa kuthethwa "*ngendawo"* ekubanjwe kuyo intlanganiso, okanye eza kubanjwa kuyo, kubhekiswa nakwezinye iindawo nakwamanye amaqonga abandakanya lawo asebenza nge-elektroniki, ngedijithali okanye akwiindawo ekuhlanganwa kuzo kusetyenziswa iteknoloji yonxibelelwano njengeendawo ezine-intanethi, iidilesi zewebhu okanye iintlanganiso ezibanjwa ngeefowuni.

3.2 Nayiphi into ebhekisa kwiMigaqo ethetha ngokuba umntu "abe khona" kwintlanganiso, ibandakanya ukuba ube khona noba ukwenye indawo.

3.3 Ilungu elikwenye indawo lizimasa intlanganiso xa elo lungu likwazi ngelo xesha lentlanganiso ukuqhagamshelana neqonga ledijithali ngosuku lwentlanganiso yaye:

(a) likwazi ukuva, kananjalo xa kukwazeka, likwazi nokubona, nalo liviwe, yaye, xa kukwazeka, libonwe, ngamanye amalungu azimasileyo,
(b) likwazi ukuva, yaye xa kukwazeka, likwazi nokubona, nalo liviwe, yaye, xa kukwazeka, libonwe luluntu olunelungelo lokuzimasa intlanganiso ukuze lisebenzise ilungelo lokuthetha kwintlanganiso, yaye
(c) likwazi ukuva, yaye, xa kukwazeka, libonwe luluntu oluzimase intlanganiso.

3.4 Ubukho belungu ngokomgaqwana 3.3 buya kuthathwa njengobungqina xa kubhalwa irejista yabantu ebebekhona.

3.5 Umqathango weMigaqo yeNkqubo wokuba intlanganiso zivuleleke kuluntu uyaneliswa ukuba –

(a) intlanganiso ibanjwe kwiwebhusayithi yeBhunga; okanye
(b) imizuzu yentlanganiso irekhodiwe yaze yaxhonywa kwiwebhusayithi yeBhunga ukuze ifumaneke emva kokubanjwa kwentlanganiso leyo.

## 4. ISAZISO NENDAWO EZA KUBANJELWA KUYO INTLANGANISO

4.1 USomlomo uya kukhupha isaziso neajenda yentlanganiso ebanjwa kuSetyenziswa iZixhobo zeTeknoloji, ekufuneka ibe nomhla nexesha lentlanganiso;

4.2 Onke amaxwebhu entlanganiso aya kuhanjiswa ngenkqubo e-elektroniki amalungu akwaziyo ukufikelela kuyo; yaye

4.3 Indawo yentlanganiso ebanjwa kuSetyenziswa iZixhobo zeTeknoloji iya kuthathwa njengokuba yenye yeendawo zeSixeko ezichongelwe ukubamba iintlanganiso zeSixeko saseKapa.

## 5. ISAZISO-GABALALA SENTLANGANISO EBANJWA KUSETYENZISWA IZIXHOBO ZETEKNOLOJI

5.1 UMphathi weSixeko makanikeze isaziso kuluntu yentlanganiso nganye ebanjwa kuSetyenziswa iZixhobo zeTeknoloji zeBhunga likaMasipala.

5.2 Isaziso soLuntu seSixeko sentlanganiso eza kubanjwa kuSetyenziswa iZixhobo zeTeknoloji, kufuneka –

(a) sixele ukuba intlanganiso iza kubanjwa kuSetyenziswa iZixhobo zeTeknoloji yaye akukho ndawo ikhombekayo ekuza kuditywana kuyo;
(b) sichaze ukuba uluntu lungazifumana njani iirekhodi zaloo ntlanganiso, yaye
(c) sinikeze inombolo yefowuni okanye idilesi yeimeyili apho uluntu lungafumana khona iinkcukacha ezongezelelekileyo ngendlela isixeko esiqhuba ngayo iintlanganiso ze bafumane noncedo ekufumaneni ezo rekhodi zaloo ntlanganiso.

## 6. IKHORAM

6.1 Kwintlanganiso ebanjwa kuSetyenziswa iZixhobo zeTeknoloji: –

(a) iimfuno zekhoram iya kuba zezo zixelwe kwiMigaqo yokuQhutywa kweeNtlanganiso; yaye
(b) amalungu angene kwintlanganiso esebenzisa ilinki ethunyelwe kwidilesi yeimeyili yelungu ngalinye aya kuthathwa ngokuba akhona kwintlanganiso ngenjongo yokumisela ikhoram, ukuthatha isigqibo okanye ukuvota kumba.

## 7. IZIGQIBO NOKUVOTA

7.1 USomlomo makachaze xa kuqaliswa ukuvota, achaze ukuba kuyavotwa ngoku yaye achaze nomba ovotelwayo kwiajenda phambi kokuba kuvotwe.

7.2 Amalungu aya kuba nelungelo lokuvota esebenzisa izixhobo zeteknoloji okanye enze oko ngezandla zawo.

7.3 Kuya kuvunyelwa ukuba kuvote kuphela amalungu akhoyo xa kuthwa makuvotwe.

7.4 Xa kugqityiwe ukuvota, uSomlomo makachaze ukuba inkqubo ivaliwe.

7.5 USomlomo makachaze iziphumo zevoti ekufuneka zirekhodwe kwimizuzu.

## 8. ULAWULO LWENGXOXO

8.1 Ingxoxo iya kulawulwa kusetyenziswa uluhlu lweZithethi yaye ngooceba abakuluhlu lweZithethi abaya kuvunyelwa ukuba bathethe kwintlanganiso.

8.2 Imiba yonqwanqwado okanye yengcaciso mayibhalwe ngeli lixa iqhuba ingxoxo ifakwe apha engxoxweni kusetyenziswa isixhobo sokuthumela imiyalezo. USomlomo uya kugqiba, ngokokubona kwakhe, ukuba uyafuna na ukuba lo miba imanyelwe na. Usetyenziso olungafanelekanga lesixhobo seteknoloji yokugqithisa imiyalezo ekhawulezileyo (IM) ezingezikhalazo nokutshatha nje ngokuphangaleleyo, zingathatyathwa njengezithintelo kwiingxoxo zocwangco kwiBhunga kwaye kuyakuthi kujongwane nazo ngokungqinelana nemigaqo engezoluleko, equlathwe kwiMgaqo engoCwangco ngokuphangaleleyo.

8.3 Imiboko yokuthetha mayicinywe ngalo lonke ixesha ngaphandle kwaxa umntu evunyelwe nguSihlalo ukuba athethe.

## 9. IZILUNGISO KWIZINDULULO EZIPHAKANYISWE KWINTLANGANISO

9.1 USomlomo makacele oomabhalane ukuba benze izilungiso eziphakanyiswe ngooceba, bazibhale kwisikrini ukuze zithathelwe ingqalelo yaye ukuba ziqinisekiswe ngokusemthethweni, usihlalo uya kufuna umntu wokuzixhasa.

## 10. UKUSUSWA OKANYE UKUNGABANDAKANYWA KOOCEBA

10.1 USomlomo weBhunga angathintela ooCeba ekubeni bathethe kwiqonga lokunxibelelana ngeenkqubo zeteknoloji ukuba ngaba ooceba bophule iMigaqo 29 no-30 weMigaqo yokuQhutywa kweeNtlanganiso engundoqo.

## 11. ULUNGISELELO LOKUBANDAKANYWA KOLUNTU NAMAJELO EENDABA

11.1 Oonondaba mabakwazi ukungena kwiqonga elidijithali leSixeko ukuze bamamele iingxoxo zeentlanganiso ezivuleleke kuwonke-wonke.

11.2 Qho xa iBhunga lingavuleli uluntu namajelo eendaba ukuba abe yinxalenye yentlanganiso ebanjwa kuSetyenziswa iZixhobo zeTeknoloji, makucinywe iintunja ezi-elektroniki ezingena kwintlanganiso ukuze kungangeni uluntu namajelo eendaba kuloo nxalenye yentlanganiso okanye kuyo yonke.

11.3 Imizuzu yazo zonke iintlanganiso ezivulelekileyo iya kufumaneka kwiwebhusayithi esemthethweni yeSixeko

## 12. AMALUNGELO NOKHUSELEKO

12.1 OoCeba banaMalungelo noKhuseleko olufanayo, zinto ezo abathi bazifumane xa kubanjwe iiNtlanganiso zeBhunga.

---o00o---